# Watsha Umzi ! Lupawu Luka Kayini ! ! (Passport).

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Amaxesha obumnyama agqitile
Nezamini zobudenge zipelile
Watsha umzi lupawu luka Kayin
Ungumbula'ina wena njengo Kayin ?

Zatsho ngentsholo intombi emlanjeni
Ezasematanga n se manxuweni
Ezakwa Mshweshwe no Langalibalele
Velani Nkokeli ke nisichazele.

Halahoyi Ma-Afrika nalo ke ivumba
Limukisa okwenyoka yomhlaba
Kwahlutw' amakaya kunye no Bukosi
Namhla o Nozala bahamba nge Pasi.

Hayi ukuhlala kwawo wodwa Umzi
Nokungenwa kwamasango alo mzi
Obantu babe nikwe Intsikelelo
Namhla simanga ngumzi wembandezelo,

Zipina Inkokelikazi ze Afrika
Sancama namhlanje tina mzi ka Ngqika
Wakonxwana Afrika ngamakamandela
Batini bona abadlula ngendlela ?

Baza amehlo kade ndandibona
Akakuxelelangana u Ntsikana
Sadlala ngo Tixo wetu kubelunga
Namhla Izwe letu yinqu yeshologu.

Watsha Umzi lupawu luka Kayin
Ungumbulali na wena njengo Kayin
Nezidenge e Afrika mazivuke
E Dekapolis nezidenge zavuka.

Zipina Inkokelikazi ze Afrika
Yemnka kwapelana niko i Afrika ?
Nanko "Umbinqo" wo Nozala uwile
Lupawu luka Kayini ? Ngenyani uwile

Yabinza ne Nkwenkwezi Isixelela
Zeniyeke izi tixo notshabalala
Namhlanje asizizi nenqu zetu
Nezikulu zetu zonke zati qutu.

Yabinza ne Nkwenkwezi Isixelela
Zeniyeke izi tixo notshabalala
Yayi ngumkokeli ikokela tina
Ulomkokeli wasikokela tina.

Saqala ngokuhomba sisekulwini
Kanti nanku ndlebende esenqweleni
Seva umgqumo we Lizwi lika Tixo
Abatakati belizisa ngempoxo.

Namhla nitiuina Ilizwe lifile
Nandzo ke ne Pasi usapo luwile
Satshabalalake ngokuswela iggira
Wanga wonke Umzi sowungamagqwira

Vela Nkokelikazi Nto ka "Maxeke"
Nabo abafazi basizinxekenxeke
Namhlanje lihlazo kwindlu ze Afrika
Nomfula 'wehlazo' namhlanje siyemka.

Yiyo ke lemfundo sigwagwisa ngayo
Kwanele mpuenko nisifunze ngayo
Sasiba kovela simanga saluto
Bafile nabanye bengazuzanganto.

Umanyano nje kupela lunga "Mandla"
Kuba lulo lodwa olwokusondla
Zonk' intshaba zakoyiswa ngenxa yalo
Nentsika ze Zulu zakwapulwa ngalo

Camaguni ! !